**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha LINAMACANDELO amaNE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

4. Phendula IMIBUZO EMIBINI iyonke: umbuzo NGAMNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI.

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane OMABINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo YOMIBINI.

5. Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

6. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

7. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| | | |
|---|---|---|
| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>**Phendula imibuzo ekwinoveli oyifundisiweyo.** | | |
| **INANI LOMBUZO** | **AMANQAKU** | **IPHEPHA** |
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5 |
| | | |
| 2. *Umqol' uphandle* | 35 | 8 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula imibuzo ekwidrama oyifundisiweyo.** | | |
| 3. *Ndiyekeni* | 35 | 12 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 4.1 'Umhlahlo ngamehlo' | 17 | 16 |
| | | |
| 4.2 'Izibhovubhovu zaseBhayi' | 18 | 18 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.** | | |
| 5.1 'Ibhabhathane' | 17 | 20 |
| | | |
| 5.2 'Iimbongi zakwaNtu' | 18 | 21 |

**ITSHEKHLISTI**

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDU LWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|
| A: Inoveli<br><br>(*Kusa Kusihlwa*)<br>(*Umqol' uphandle*) | 1–2 | 1 | |
| **OKANYE** | | | |
| B: Idrama<br><br>(*Ndiyekeni*) | 3 | 1 | |
| **OKANYE** | | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>('Umhlahlo ngamehlo')<br>('Izibhovubhovu zaseBhayi') | 4 | 1 | |
| **OKANYE** | | | |
| D: Isihobe<br><br>('Ibhabhathane')<br>('Iimbongi zakwaNtu') | 5 | 1 | |

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

## ICANDELO A: INOVELI

### UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA A**

UMpumelelo wayekwadlala imidlalo enjengombhoxo nentenetya, elichule kuzo zombini. Ngaphandle nje kokuba wayenyanzelekile asebenze ukufika kwakhe apha, wayekwangumntu onengqondo yemveli. Wayebalasele kwizifundo zobugqi *(Physical Sciences neMathemathika).*

Kuthe xa kusondela ukuphela konyaka kwenziwa itheko lisenzelwa ukuvuyisana nabo bagqibelayo. Ngaloo mini kwakuzele ngabazali nezihlobo ezazimenyiwe yinqununu ukuza kuzimasa abantwana kulo msitho. Isikolo esi sasizotyiwe silungiselelwa le mini, baza nabafundi banxiba ngokucocekileyo ingakumbi nangakumbi. Abafundisi ntsapho (abo banemfundo enomsila) babecelwe ukuba banxibe izidanga zabo ukwenzela ukukhuthaza abantwana bayazi into ebalindele ngaphambili.

Kwathi kwakufikwa emabhasweni wawabutha uMpumelelo kwezengqondo kuba wayebakhokele. Kwezemidlalo aphuma nabanye kodwa likhona awalifumana kwezamanqindi. Inqununu yesikolo entethweni yayo yacebisa abazali ukuba abantwana abanengqondo babanonophele babalandelise amasebe afanele iingqondo zabo. Wathi xa athetha ngobukrelekrele bukaMpumelelo nanjengomntwana obesoloko **ebacwanyile** abanye, wathi <u>ingqondo kaMpumelelo iphangalele kangangokuba kulula ukuba yonakale yakukhathazwa kakhulu</u>. Yatsho yachaphazela imizekelo ngentlalo yabo apha esikolweni.

Kwathi kwakuphela unyaka kwabhalwa. Ekuqaleni konyaka olandelayo zavakala iziphumo zeemviwo jikelele. UMpumelelo waphuma emagqabini ebakhokele ngakumbi kweziya zifundo awayeyincutshe kuzo. Le nto yabakhuthaza abazali bakhe ingakumbi uLungile umntu owayengazingca ngonyana wakhe ekuphela kwakhe. Kwathi kanti amacebiso enqununu bawafake engqondweni nasentliziyweni.

1.1.1 Xela igama lesikolo elenzeka kuso eli theko. (1)

1.1.2 Nika izifundo zibe ziBINI ewayebalasele kuzo uMpumelelo. (2)

1.1.3 Khetha kwizibiyeli olona didi lozobo lwabalinganiswa lusetyenziswe kumhlathi wokuqala wesicatshulwa. (Luzobo ngqo/Luzobo mayana) (1)

1.1.4 Ngubani umlinganiswa oyintloko wale noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.5 Chaza unobangela wempixano ephakathi kwekhaya lakwaNtsibande nelakwaMakhwetshu. (2)

1.1.6 Tshatisa isiganeko sebali esikuKholam A nendawo esehla kuyo ekuKholam B.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Isiganeko sokubonwa kukaLungile ehamba noMebhelina. | A endleleni eya eStanger |
| (b) Isiganeko sengozi yemoto yabazali bakaMpumelelo. | B eThekwini |
| (c) Isiganeko sokuhlatywa sisigulane. | C eFort Hare |
| | D esibhedlele eLusikisiki |

(3 x 1) (3)

1.1.7 Igama '**ebacwanyile**' kwisicatshulwa likunika umfanekiso ntelekelelo womntu onjani ngokwalapha ebalini? (2)

1.1.8 Lisikrobisa kusiphi isiganeko esimalunga nemeko yengqondo kaMpumelelo ibinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

1.1.9 Uzotywe njengomlinganiswa onjani uMpumelelo kule noveli? (2)

1.1.10 Esi sicatshulwa sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali? (1)

1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

'Igalelo lomntu ngamnye **lifana nethontsi lamanzi elithi lidibane nelinye likhuphe umsinga ogugamayo okwazi ukufunqula nayiphi na into ephambi kwawo.** Eli sebe leMpilo libaluleke kakhulu ebomini boluntu. Ukuba sonke singenza amalinge alolu hlobo, akungepheli neminyaka elishumi umgangatho wempilo yethu ungaphucukanga.'

'Namhlanje sekukho iinkcuba-buchopho zokunyanga izifo ezithile nje, ezazikade zixake abantu kudala, kungenxa yokuzinikezela kwamadoda ekuphononongeni unobangela wezifo ezithile nokunyangwa kwazo. Xa nditshoyo ndicinga ngaloo madoda akudala iinto zooPasteur, nooJenner, nooLister, nooRontgen, asisiseko sonyango lwanamhlanje kanti ke kumaxesha amandulo emva phaya siyeva ngamaGrike akudala iinto zoAesculapius noHippocrates abaseki bonyango.

Kula madoda asikeva ngegalelo elenziwa ngamadoda aNtsundu, into ethetha ukuthi nathi sinayo imihlaba yokuzenzela igama. Phofu andingeligqibi ndithi asinabo abanyangi begama.'

> 'Ngaminazana ithile kwakhe kwagula kwenye indawo umntu sisifo esimhlophe ekuthiwa yicancer. Batsho oogqirha abamhlophe bezama ukufumana indlela esingathi esi sifo sinyangwe ngayo, bancama. Emva kweenyanga ezintandathu lo mguli ngenye imini wahambela kulo gqirha umhlophe.
>
> Wothuka ugqirha omhlophe akufumanisa ukuba laa mguli wada waphila. Wafuna ukuqonda ukuba uphile kanjani na, wasuka lo mguli wamkhombisa exhweleni elalilangazelwe nto. Wathi ugqirha akulihambela eli xhwele efuna ukuqonda ukuba eli yeza wayenyanga ngalo lo mfo wayenesi sifo ulithathe phi na, ...

1.2.1 Yayisenziwa ngubani intetho ekwisicatshulwa kwaba bakwizibiyeli?

(Sisibonda selali yaseMlazi/yinkulumbuso yaseTranskei/yiKumkani yamaMpondo) (1)

1.2.2 Yayingumsitho wantoni lo ayethethwa kuwo la mazwi? (1)

1.2.3 Sinika yiphi intsingiselo isifaniso esibhalwe ngqindilili? (2)

1.2.4 Nika izifundo zibe ziTHATHU zonyango ezenziwe nguMpumelelo. (3)

1.2.5 Yiyiphi intsingiselo enikwa ligama '... **iinkcuba-buchopho** ...' kwezi zingezantsi?

A Abantu abangaqondiyo.
B Abantu abangenabuchopho.
C Abantu abaziingqondi.
D Abantu abazizityebi. (1)

1.2.6 Xela amasebe ezonyango amaBINI ongezwayo kwisibhedlele esasonganyelwe nguMpumelelo. (2)

1.2.7 La mazwi athethwa kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.8 Nika imiceli mngeni ibe miBINI ahlangabezene nayo uMpumelelo ebomini bakhe phambi kokuba kufike le mini ikwisicatshulwa. (2)

1.2.9 Ingaba yintoni injongo yombhali ngalo mxholwana wamaxhwele? (1)

1.2.10 Esi sicatshulwa sihambelana njani nesihloko sesahluko esithi,

'Umso'? (2)
**[35]**

**OKANYE**

## UMBUZO 2: UMQOL' UPHANDLE – PM Ngani

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA C**

Uncume yedwa okaHlobo. Uyithathe loo ncwadi wayifaka kwincwadana aqokelela kuyo amanqakwana awazuza xa aphandayo. Udlulele kwezinye koko akafumananga nto yimbi ithe yanomdla.

Ukusuka apho ufike e-ofisini yakhe sekungqengqe phezu kwetafile intaphane yamaphepha avela kwiofisi enkulu yamapolisa. Uwe kuwo kwangoko. Uthe nje ukuba awagqibe ukuwafunda, wabhekisa kuLiziwe ngelizwi elirhabaxa namhlanje:

'**Lizzie, amapolisa abuye ze mfondini. Bendithe makakhe aye kuhlola indawo yomonakalo waphezolo. Njengoko nam bendicinga,** ufike umkhondo wamavili sewungasekho. Bathi bafike sekudlule iimoto ngeemoto ezineendidi ngeendidi zamavili.'
'Hayi ke bethu ilishwa lomhluzi wamanqina!' ufane watsho ukuphendula uLiziwe engalazi angamxolisa ngalo uHlobo.

'Ngoku sendiza kufane ndiwayalele ukuba akhangele ukuba ubungekho na umonakalo wenjini emotweni phambi kokuba iyokubetheka.'
'Njengokuba kusithiwa butyobo nje uthi anganakho, Dick?' 'Akuzazi iincutshe wena.'

'Tyhini, nantsi into ndiyilibala. Ndinomyalezo ophuma kwasemapoliseni. Athi ayakunqwenela eofisini yawo phambi kwesidlo sasemini nje.'

'Mandihambe kwangoku Lizzie,' utsho sel'engathi uhlaziyekile okaHlobo, 'Kodwa phambi kokuba ndihambe, makhe ndibuze le kuwe Lizzie: uLinda lo kaMonti umazi kakuhle?'
'Ewe, tyhini! Ndiyamazi uLinda. Ngubani ongamaziyo uLinda kweli Monti? Nankuya ehlala kumhlaba wezigwili entla kweNdende. Unendlu eyeyakhe apho, akacengi solalaphi eKansileni njengathi. Nawe umele kukumazi.

2.1.1 Xela igama lale ndawo ancuma yedwa kuyo uHlobo. (1)

2.1.2 Yayiqulethe ntoni le ncwadi yayincumise uHlobo? (2)

2.1.3 Khetha kwezi zilandelayo udidi lwesafobe olufumaneka kwibinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi.

A Isifaniso.
B Isibaxo.
C Isimntwiso.
D Isikweko. (1)

2.1.4 Chonga ibinzana elibonisa ukuba amapolisa awafumananga nto kwindawo yengozi. (1)

2.1.5 Wamnika bungqina buni uHlobo ngoLinda umlinganiswa owayezenza uNkosikazi Hobe? (2)

2.1.6 Lizoba umfanekiso ntelekelelo wemoto enjani ibinzana elithi '... kusithiwa butyobo ...' kwisicatshulwa? (2)

2.1.7 Khetha indima kanobalisa etyhilwa kwizivakalisi ezibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa kwezi kwizibiyeli. Xhasa impendulo yakho.

(umbalisi ungomnye wabalinganiswa/umbalisi ungaphandle kwebali) (2)

2.1.8 Khankanya naziphi izinto eziMBINI ezibubungqina kwityala lokufa kukaEddie ezaxelelwa uHlobo nguJoe Bumba. (2)

2.1.9 Atyhila ntoni ngesimo sentlalo sendawo ahlala kuyo uLinda amazwi athi, 'Nankuya ehlala kumhlaba wezigwili ...'? (2)

2.1.10 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi siganeko sokufunyanwa kwale ncwadi ivela kuLinda? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

Amagoduka aphuma nazo ezo ndaba, zathi zifika emaphandleni zabe sezikrunakrunwe zanto yimbi kucaca ukuba injongo kukoyikisa abantu basemaphandleni ngemigulukudukazi yeedolophu.

Kuyo yonke loo ntshukumo yabantu, okaHlobo yena wayengenawo nowodwa umzuzu wokuphumla. Wayesazingisile ekuphandeni, ezama ukuqoshelisa yonke imilengalenga ejingayo.

Wathi akuba emenzile unakhonakho wakhe, wabuthumela ubungqina abuqokeleleyo eRhini kwingqwayingqwayi yegqwetha ecebisa abatshutshisi, efuna ukuqonda ukuba kungatshutshiswa na. Iphendule ngokukhawuleza ingqwayingqwayi, 'Hambela phambili.' Kambe ke yaleke ngelithi, 'Kubana ukuphawula ukuba uphando alubanga nakho ukuwakhulula amaqhina athile angathi abe lityholo lokuphephela kummangalelwa xa azikhuselayo.' Loo maqhina angakhululekiyo ayexeliwe ngokaHlobo xa wayebuthumela ubungqina abuzuzileyo, wawachaza ngokubanzi.

Lathi liphakama ilanga ngomhla wokuvavanywa kwetyala, kwaba sekuyinyambalala phambi kwenkundla yamatyala. Kwacaca loo mini ukuba le nto iliqhinga ayiphekwa kuba amadoda nabafazi babebaliselana ngeendlela ngeendlela abakhutshwe ngayo emisebenzini ngabaqeshwa loo mini. Yathi isondela intsimbi yeshumi, babe abaphulaphuli sebeyingxale yatyekeza loo ndlu yamatyala.

Ukungena kommangalelwa ephahlwe ziingxilimbela zamapolisa axhobe af'amacala, zayitsho loo ndlu yavungama yonke, kukhala izixwexwe zamakhwelo, imikhwazo**: 'Bribri! Mntwan'am uyagula!!'**

Babefanele ke mfondini. Intwazana yakwaMonti yayibafundisa le nto ikukugityiselwa kwelaphu, kunjalo nje ikhangeleka ingabethelwa *nangudoh lo*, incumile ukuya kwisibaya sabamangalelwa.

2.2.1 Ngoobani la magoduka aphuma neendaba ngokwebali? (1)

2.2.2 Xela isiganeko esingundabamlonyeni kwesi sicatshulwa. (1)

2.2.3 Linika ntsingiselo ni ibinzana elingezantsi?

'... babe abaphulaphuli sebeyingxale yatyekeza loo ndlu yamatyala.' (2)

2.2.4 Luvakalelo luni olutyhilwa libinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi ngezantsi ngoLinda? Xhasa impendulo yakho.

'... ikhangeleka ingabethelwa *nangudoh lo*, incumile ukuya kwisibaya sabamangalelwa.' (2)

2.2.5 Mfanekiso-ntelekelelo mni ozotywa libinzana elingezantsi?

'... ephahlwe ziingxilimbela zamapolisa axhobe af'amacala.' (2)

2.2.6 Tshatisa isiganeko sebali esikuKholam A nendawo esehla kuyo ekuKholam B.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Isiganeko sokungqzulana kukaDuma Hlelo kunye noHlobo. | A esingeni |
| | B endlini kaLinda |
| (b) Isiganeko sokubanjwa kukaThembisa Ntlokonkulu neqela lakhe lemigewu. | C eRio |
| | D eMoonglow Night Club |
| (c) Isiganeko sokubukelwa komfanekiso bhanyabhanya uNongqawuse. | |

(3 x 1) (3)

2.2.7 Iimpawu zocaphulo zisetyenziswe ngayiphi injongo kwizivakalisi ezinomgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (1)

2.2.8 Chaza unobangela wengxabano eyayiphakathi kwamalungu aseMoonglow noEddie Maga. (2)

2.2.9 Ingaba yintoni injongo yombhali ngale noveli? (2)

2.2.10 Mfundiso ni enofunyanwa ngabacuphi kwesi sicatshulwa? (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

### UMBUZO 3: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA E**

(*Emzini kaNdila kuhleli yena, umkakhe uZingiwe, uNonceba Zamani umlingane kaZingiwe noMaziko.*)

NDILA: Zingi, izinto ezibuhlungu azipheli, zikhula zaluphale nomntu.

ZINGIWE: Yintoni ngoku Dicksie?

NDILA: Mfondini! Ndirhoxile emsebenzini namhlanje ngenxa yeemeko.

NONCEBA: O! Uthini na Dicksie? Akuqhuli? Iyawa nguMawonga?

ZINGIWE: Kudala ndimxelela uDicksie ukuba ukukhonza uMawonga kukubusa nokumilisela ubukumkani beempukane.

NONCEBA: Suka wethu, akuphilwa ngasikolo sodwa. Zisaqhuma iitshimini phaya eMonti. Niphi na nina Sammy xa uDicksie esiwelwa ngumgodi?

ZINGIWE: Baphi ntoni na, ingamahlakani kaMawonga nje lawo?

MAZIKO: Kanti ukuba benisazi! Ndixhaphe ndisom' amagwebu ndicamagusha, ndafa namthanyana. UDicksie lo angandingqinela. Ngaphaya koko, uDicksie uxhelwa ngumntu onezakhe izishiqi, koko azinamneki-lucingweni.

ZINGIWE: Unyanisile Sammy. Makungalalwa. Abasayi kuze batye amanzi abam abantwana. Ndakumenza azi ukuba inkwali iyakwazi ukuphandela enye ingenathole.

MAZIKO: Kanti unyanisile ingathi uyadlala nje. Eli lizwe alifuni nkenenkene. Ukuba indoda ikutshisa ngesomnga isikhuni yityabule nayo ngentsimb'ebomvu.

NDILA: Life is full of surprises – Mediocre men do climb to the topmost rung of the ladder of life, whilst brilliant men are often obscured by their brilliancy on which they rely without reservations. Loo nto ayithethi into yokuba mabathi abaphumelele ngethamsanqa ukuziphepha izabatha zobom, mabadobelele abo bathetyulwe zizo.

MAZIKO: Imposiso yakho utshaba ulubona selukugqibile ...

3.1.1 Xela indawo eqhubeka kuyo le ngxoxo ikwisicatshulwa. (1)

3.1.2 Ingaba uNdila wayezirhoxele emsebenzini wakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.3 Sinika ntsingiselo ni isimntwiso esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)

3.1.4 Tshatisa isiganeko sedrama esikuKholam A nendawo esehla kuyo ekuKholam B.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) UMaziko uyokuntama uLoni. | A KwaFuneka |
| (b) UNdila noFuneka bavumelana ngokubekela uMawonga izabatha. | B E-ofisini kaLoni kwisikolo saseNobutho |
| (c) UNdila uxoxiswa ngokuthuma uLiziwe utywala. | C KwaMadala |
| | D KwaZanele |

(3 x 1) (3)

3.1.5 Khetha uphawu lwedrama oluyahlula kwezinye iijenre kwezi zilandelayo.

A Ingxoxo.
B Izahluko.
C Imihlathi.
D Isitanza. (1)

3.1.6 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sedrama esi siganeko? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.7 Ngqina ukuba isiganeko sokuthunywa kukaLiziwe utywala siqale impixano kule drama. (2)

3.1.8 Atyhila ukuba uvakalelwa njani uZingiwe amazwi akhe athi,

'Ndakumenza azi ukuba inkwali iyakwazi ukuphandela enye ingenathole'? (1)

3.1.9 Amazwi kaMaziko angezantsi asikrobisa kwesiphi isenzo esenziwa nguNdila ebalini.

'Ukuba indoda ikutshisa ngesomnga isikhuni yityabule nayo ngentsimb'ebomvu'. (2)

3.1.10 Igama likaMaziko lihambelana njani neziganeko ezenzeka ebalini? (2)

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

*(Emzini kaLoni kugqugula uRay, Thandiwe Loni noNomasoka Loni, unina kaMawonga.)*

NOMASOKA: Ubuya nini na uMawonga lo sekuhlwile nje?

THANDIWE: Akasabuzwa mntu, silala siphaphama, silindele umbiko okanye isiqu sakhe.

NOMASOKA: Nithi umntwana wam ungenwe yini? Ubengazi ukuba uRay uyeza?

THANDIWE: Ukuba ebesazi ebengasayi kulubeka olwakhe unyawo apha, nakanye.

RAY: Ukhe wenza mda mni wena njengenkosikazi yakhe?

THANDIWE: Akukho nto ndingayenzanga. Kona ukumthethisa kumvusa umnyele ange uthunakele. Nanko ke esiza.

***(UMawonga uviwa ethetha yedwa: Yintoni kanye? Suka khwelel'endleleni, wafa nguMawonga—hehe-he! Kutheni na? Uthini na? Hayibo! Andiyi apho).*** *(Angene)*
Yintoni kufe bani? Nazalisa indlu?
*(Cwaka)*

NOMASOKA: <u>O! Yini kodwa? Yintoni Mawonga mntwanam?</u>
<u>O! Nkosi ya-m? *(Elila)*</u>

MAWONGA: Yintoni kodwa mama? Su-u-kuzikhathaza ngam. Ndone bani? Thandie khawutsho- mfazi, ndone bani?

RAY: Akonanga mntu, tu, qha nje sivelana nawe.

MAWONGA: O! Le ntlanganiso ingam?

RAY: Ukuba yintlanganiso ngubani owasemzini apha Lawu?

MAWONGA: Kunjalo kungenjalo, niqhele ukuba lapha, ngeli xesha? Nibizwe ngubani apha?

RAY: Mfondini! Akusekho kuncwela fosilarha ngoku, kuba nawe usidlwengule. Khawumamele sithethe nawe. Umntu akazange azibone konakala kwathini na, ubonwa ngabanye.

MAWONGA: Ndonakaliswe yintoni?

| | |
|---|---|
| NOMASOKA: | Hayi mntwanam, siphulaphule nokuba akuzi kwenza nto ngaloo nto. |
| RAY: | Mfo kabawo, usapho lwakho uluhlalise bunyembezana. Ibiyinto enani na le uyithanda ngaphezu kosapho lwakho? |

3.2.1 Udlala yiphi indima uNomasoka kule ncwadi? (1)

3.2.2 Xela indawo abaxoxa kuyo aba balinganiswa bakwisicatshulwa. (1)

3.2.3 Loluphi udidi lwempixano olufumaneka kwingxoxo yezi zithethi? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2.4 Amagama abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa asityhilela ntoni ngemo awayekuyo uMawonga ngale mini? (2)

3.2.5 Xela ukuba uNdila udlala yiphi indima kulo mdlalo. Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2.6 Ingxoxo ekwisicatshulwa isivezela ntoni ngoRay? (2)

3.2.7 Chaza ngeengongoma eziMBINI imeko yentlalo emzini kaMawonga. (2)

3.2.8 Yintoni umsebenzi wezalathiso zeqonga kwincwadi yomdlalo? (1)

3.2.9 Isonjululwe njani impixano ekule drama? (2)

3.2.10 Yintoni injongo yombhali ngale drama? (2)

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

### UMBUZO 4: *NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu & EZ Guqa

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

**UMHLAHLO NGAMEHLO**

UNompoxeko uthule wathi cwaka ngoku kubonakala ukuba ufikelele kwisigqibo sokuba akasobe aphinde awone owakhe. Umqonde kakuhle lo mmeli ukuba uzama ukumfaka efolweni ukuze ambethe embanjelwe. Uqhubile ummeli ukubuza imibuzo ebengalindelanga mpendulo yayo. Ekubeni ezonelisile ukuba uyigqibile le mibuzo engenampendulo uthe **rhuthu** epokothweni yebhatyi yakhe incwadi eyayibhalwe nguNompoxeko lo ebhalela isithandwa sakhe esinguZolani kwisithuba seenyanga ezine ezandulela umhla lo wetyala. Uyise kummangali le ncwadi ebuza ukuba yayingabhalwanga nguye na. Ummangali uyithathile ngomsindo le ncwadi wayishwabanisa. Ezi senzo senze ukuba angxoliswe kanobom nangulowo ubesoloko ecinga ukuba ukwicala lakhe. Akakhathalanga ummeli kuba urhole intaphane yeencwadi zembalelwano uNompoxeko awazibhalayo. Akanelanga nje ukwenza oku koko urhole neefoto zesi sibini sigonene. Zonke ezi zinto uzigqithisele kumchopheli weli tyala.

Akugqiba ukwenza le nto uchaze ukuba eyona nto ichaphazela ummangalelwa kwesi sityholo yipensile esemva kwendlebe. Ubuze ukuba inkundla kutheni ingabeki yena mmeli ityala nje kuba enesimbo sokufaka ipensile emva kwendlebe njengokuba enze njalo nakule nkundla. Uphindisele inkundla kwisibheshu esasinxitywe yile ntwazana ngomhla wesihelegu wabuza ukuba kwakubanda nje ngaloo mini isigqebhezana esi sasingeyiyo na indlela yokucela umngeni kozivayo. Uthe nakuba ummangali lo wayehlaselwa akubangakho nzame zakuzikhusela.

4.1.1 Yayingubani umtshutshisi kwityala likaZolani noNompoxeko? (1)

4.1.2 Umangalelwe ngasiphi isityholo uZolani ngokwesi sicatshulwa? (1)

4.1.3 Khetha indima kanobalisa etyhilwa sesi sicatshulwa kwizibiyeli. (umbalisi ungomnye wabalinganiswa/umbalisi ungaphandle kwebali) (1)

4.1.4 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi siganeko sikwisicatshulwa? (1)

4.1.5 Yintoni unobangela wokuba uNompoxeko abe nomsindo de ashwabanise incwadi awayeyinikwa ligqwetha likaZolani? (1)

4.1.6 Tshatisa isiganeko sebali esikuKholam A nendawo esehla kuyo ekukholam B.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Isiganeko sokudidizela awe isiduli uZolani. | A Kwindlela ebuya eholweni. |
| (b) Isiganeko sokudlwengulwa kukaNompoxeko. | B Kwityala likaNonkanyezi. |
| (c) Isiganeko sokuphuma kukaNonkazimlo engqwayiza de alile. | C Kufutshane netafile kamtshutshisi. |
| | D Kwityala likaNompoxeko. |

(3 x 1) (3)

4.1.7 Mfanekiso-ngqondweni mni onikwa ligama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (1)

4.1.8 Khetha uphawu lwebali elifutshane olulahlula kwezinye iijenre kwezi zilandelayo.

A Indima.
B Imiboniso.
C Imihlathi.
D Isitanza. (1)

4.1.9 Chaza isiganeko esenzeke kwinqanaba lovuthondaba kweli bali. (2)

4.1.10 Thelekisa izigwebo zamatyala kaZolani okudlwengula uNompoxeko noNonkanyezi. (2)

4.1.11 Ngokoluvo lwakho, sifanelekile isikhalazo sabasetyhini sokuba umcimbi ochaphazela bona mawungasingathwa ngamadoda odwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.12 Igama elithi 'Nompoxeko' lihambelana njani neemeko agaxeleke kuzo kweli bali? (2)

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

**IZIBHOVUBHOVU ZASEBHAYI**

Isigebenga sihleli iiveki ezintathu esibhedlele saseDikeni sifumana uhoyo olungangxengwanga. Ziphele ezi veki kungabonakali kuchacha. Umfi lo ubencediswa bubuxhakaxhaka ekuphefumleni, kanti bebukho nobunye ubuxhakaxhaka obebunyanzela intliziyo kamfi ingatyhafi. Emva kweveki ezintathu umfi udluliselwe kwisibhedlele saseBhayi, kungazeki ke nokuba ebesondezwa kwezinye izibhongobhiyane na, okanye bekwenzela ukuba afe ekufutshane nekhaya na.

Unina wesi sihelegu ubefika qho kweli gumbi lokulindela ukufa alile, phofu engaliliswa yinimba, koko elila ngenxa yobuninzi beenyembezi obubangwa kukunqaba kwabantu bokulilelwa, nakukumangaliseka kokuba kwakutheni abahlaseli bonyana wakhe bangambulali nje kuze kuthi qabu ebantwini unoQolomba efile nje. Unina ebengayithandabuzi nakancinane into yokuba unyana lo wakhe <u>uzidlise ngobakhe</u>. Kwaye wayezame kwakudala ukuyikhwebula le nkewu kunyawo lwayo lwemfene, koko ingafuni nokuva naxa ayicebisayo ukuba ingcibi yamanzi ifa ngamanzi, eyezikhali zizikhali.

Kwathi sekuncamekile, seziphelile iinyanga ezintlanu ingqondo ingabuyi, kwakha kwathi qwenge kulo mfo. Apho ingqondo ibuye khona into yokuqala awayithethayo kukukhwaza athi, *'Yehova wemikhosi!'* Uthe ngokubona abongikazi abamjikelezileyo bevathe ezimhlophe wacinga ukuba usezulwini. Emva kokubuyelwa yingqondo ugcinwe esibhedlele inyanga yanye, waza wakhululwa apho efe wonke umzimba wakhe, kushiyeke nje intloko.

Kunamhla akukho nto akwaziyo ukuzenzela yona, yaye umnqweno wakhe kukudibana nezinye izikrelemnqa ezisekwikhondo awayekulo, azilumkise ukuba ulunya lubiz'olunye. Isimanga sesokuba lowo wayesakuyalela abanye ukuba bangashukumisi nolunye uzwane, ezakhe iinzwane ngamaqotholololo angasokuze ashukunyiswe nto.

4.2.1 Liphi ikhaya lesigebenga ekuthethwa ngaso kwisicatshulwa? (1)

4.2.2 Mfanekiso ntelekelelo mni ozotywa ligama 'umfi'? (2)

4.2.3 Luluphi udidi lwesafobe olusetyenziswe kwibinzana '... **efe wonke umzimba wakhe, kushiyeke nje intloko.**' kwezi zilandelayo.

A Isifaniso
B Isibaxo
C Isimntwiso
D Isikweko (1)

4.2.4 Isityhilela ntoni ngentlalo kwikhaya lesigebenga into yokuba unina aliliswe kukuba abahlaseli bengambulalanga unyana wakhe? (1)

4.2.5 Sibe yintoni isisombululo sengxaki yokuqhekezwa kwezindlu zamadoda aseDikeni? (2)

4.2.6 (a) Ingaba esi sigebenga singumlinganiswa ongqukuva/omcaba? (1)

(b) Xhasa impendulo yakho ngeziganeko ezisebalini. (2)

4.2.7 Cacisa intsingiselo yebinzana '... ingcibi yamanzi ifa ngamanzi, eyezikhali zizikhali' ngokweli bali. (2)

4.2.8 Sinika ntsingiselo ni isaci esithi, 'uzidlise ngobakhe.' ngokweli bali? (2)

4.2.9 Zisetyenziswa ngayiphi injongo iimpawu zocaphulo kwibalana ngokomzekelo ongezantsi?

'*Yehova wemikhosi!'* (2)

4.2.10 Mfundiso ni efumaneka kweli balana? (1)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

Phendula imibuzwana YOMIBINI.

### UMBUZO 5: *VUKANI MADODA KUSILE* – A Stemela: Umhleli

5.1 Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**Ibhabhathane – LS Ngcangata**

Nal'ibhabhathane libhabha-bhabha.
Sisinambuzan'esithand'ukudl'amacwaka.
Iintaka ziyatsholoza, iinyenzane zenz'inzwinini,
Kodwa lona lithe cwaka, alivakalelwa.
Phofu loo nto ayalathi kudakumba;
Nditsho kuba naku lindanda ngodlamko.
Phakathi kwezityalo liman'ukuhlola-hlola.
Amathafa namagcume ziindawo zalo.
Obu buhle busisigubungelo somphefumlo wam.
**Ngumahlal'ehleli ombejezelayo** owanez'umxhelo.
Abukhathalele busika, neqabak'incamile.
Iintyatyambo zoyisiwe, wen'uzigqwesile.
Nekhiwane lisadalele, alinakucel'umngeni,
Kuba obalo bon'ubuhle bunempethu.

5.1.1 Chonga igama kumqolo woku-1 elizoba umfanekiso webhabhathane elisuka kwenye indawo liye kuhlala kwenye. (1)

5.1.2 Yintoni injongo yokusetyenziswa kophawu loshiyelelo lwesikhamiso kumqolo wesi-2? (1)

5.1.3 Caphula imiqolo EMIBINI esebenzise uchasaniso. (2)

5.1.4 Tshatisa imiqolo ekukholam A nomongo wayo ngokomxholo ekuKholam B.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Imiqolo yoku-1 ukuya kowesi-6 | A Iindawo ibhabhathane elihlala kuzo. |
| (b) Imiqolo yesi-7 ukuya kowe-8 | B Iimpawu zebhabhathane. |
| | C Iingoma zebhabhathane. |
| (c) Imiqolo yesi-9 ukuya kowe-14 | D Ubuhle bebhabhathane. |

(3 x 1) (3)

5.1.5 Nika intsingiselo equlethwe ngumqolo ongezantsi.

Obu buhle busisigubungelo somphefumlo wam. (2)

5.1.6 Xela udidi lwalo mbongo. Xhasa impendulo yakho. (2)

5.1.7 (a) Nika udidi lophindaphindo olukrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo we-11 nowe-12. (1)

(b) Lusetyenziswe ngayiphi injongo uphindaphindo olukumqolo we-11 nowe-12? (2)

5.1.8 Mfanekiso ntelekelelo mni ozotywa libinzana elibhalwe ngqindilili? (2)

5.1.9 Ibhekisa kubani imbongi kumqolo we-12? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.2 Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**Iimbongi zakwaNtu – LT Manyase**

Awu! Midak' akowethu ndiboleken' indod' ibenye.
Ndiboleken' indod' ibe ny' enelizw' eliphakamileyo,
Indod' enomoya enelizwi eliqaqambileyo.
Indod' engakhethe bala lamntu, enentliziyo enye.
Ikh' isibekel' amabala ngeembongi zakwaNtu,
Ibek' izigigaba kutsho *kuthi gabu* amafu.

Ndifuna indoda enomoya ethetha inyaniso.
Indod' etheth' into eyivileyo esuka embilinini.
Ingabi yinteth' ekhaphu-khaphu engenaxabiso.
Ibe yinto enokuvakala esuka entliziyweni.
Ngxatsho ke! Akungethethi nto ngeembongi zakwaXhosa.
Woba yinto ebhibhidlayo engakwazi kuxoxa.

Yizani nendoda enelizwi elibetha neleembongi,
Kub' indod' engenamoya yothetha kant' iyanyelisa.
Zon' iimbongi zakwaXhosa zifun' indoda eyingqondi,
Kuba zatheth' umnt' esemny' elizweni isizwe saneliswa.
Zabonga mandulo aqin' amagwal' ay' emfazweni.
Zawukhaphela umkhosi zawukhupha esangweni.

Zabong' emthonyameni komkhulu iinkosi zalila
Zazisikelela zazizinzisa ezihlalweni zazo.
Zawuthutha-thuth' umkhosi izinja zakomkhulu zakhwina
Aqin' amadolo kumagwala athath' imikhonto yawo.
Ath' ebelil' iinyembezi zajika zazezovuyo,
Ath' ebehlininika, kwajika kwakokoncumo.
Ndiziselen' indod' ibe nye enehlombe kwanomoya.
Yiy' engafanel' ukum' enkundleni ityakatye ngeembongi,
Ibeka'amabala nezibakala ibabaze, zokholwa.
Ukuze ingatheth' izint' ezingayi mxhelweni kwiimbongi,
Kuba ziintw' ezikwaz' ukuphixanisa nokufunza.
Kuba ziintw' ezinokuxolelanisa nokukhunga.
Azi nithi bantu bani n' aba soloko bakhamisa,

Bedumis' imisebenzi emihle yezandla zikaThixo.
Beneliso elibukhali, besoloko bafanisa.
Bechub' iindaba bentyiloza, besikhumbuza ngamasiko
Makadunyiswe ke lowo Thixo wadala iimbongi,
Ukuze zihlale zihleli ke kwaXhosa iingqondi.
Ncincilili.

5.2.1 Ibhekisa kubani imbongi kulo mbongo? (1)

5.2.2 Nika udidi lwalo mbongo. (1)

5.2.3 (a) Xela udidi lophindaphindo olukrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo woku-1 nowesi-2. (1)

(b) Lusetyenziswe ngayiphi injongo uphinda-phindo oluxelwe ngentla? (2)

5.2.4 Kunika ntsingiselo ni ukuphindaphindwa kwebinzana, 'ndibolekeni indod'ibenye' kumqolo woku-1 ukuya kowesi-2? (2)

5.2.5 Ngumfanekiso ngqondweni wantoni obhalwe bukekela? (1)

5.2.6 Inaluvo luni imbongi ngeembongi kumqolo we-13 ukuya kowe-15? (2)

5.2.7 Thelekisa imiqolo ye-14 neye-15 ngokwesakhiwo sombongo. (1)

5.2.8 Xela imisebenzi ibe miBINI yeembongi etyhilwa yimiqolo 19 ukuya kowe-22. (2)

5.2.9 Nika zibe MBINI iindlela eziluncedo ngayo iimbongi ngokomqolo wama-33 ukuya kowama-34. (2)

5.2.10 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**